UMASIPALA WASE-STELLENBOSCH

Isikhokelo ngokwecandelo le-14 loMthetho we-2 wama-2000 wokuKhuthaza ukuFikeleleka kweNgcaciso

Intshayelelo

UMasipala waseStellenbosch ngugunyaziwe onegunya lokulawula iidolophu iStellenbosch, iPniel neFranschhoek.

Icandelo 14(1)(a)

Amagunya nemisebenzi yombutho woluntu uwanikwa ngokwecandelo le-156 nelama-229 oMgaqosiseko kwaye elawulwa nguRhulumente wooMasipala: UMthetho wezigqeba zikaMasipala, inombolo 117 wowe-1998. Ezi zigqeba zisuswa kumacandelo 79 nele- / okanye lama-80 alo mthetho ukhankanyiweyo.

Uthatyatho-zigqibo ngumbutho woluntu luqhutywa ngokudlula kwiBhunga neKomiti eLawulayo, noMlawuli kaMasipala naBalawuli bamaSebe aba-8 abanamagunya abawanikiweyo nawesiseko ngokomthetho.

Amagunya nemisebenzi yoomasipala yile ilandelayo:

1) Umasipala unegunya lokulawula ngokuphathelele, kwaye ukwanelungelo lokulawula
    a) imicimbi kamasipala edweliswe kwiCandelo B leXwebhu 4 nakwiCandelo B leXwebhu 5 loMgaqosiseko
    b) nawuphi na umcimbi awunikwe ngokomthetho welizwe okanye wephondo.
2) Umasipala angenza kwaye alawule imithethwana ukwenzela ukuba alawule ngokukuko imicimbi anelungelo lokuyilawula.
3) Ngokwecandelo le-151(4) loMgaqosiseko, umthethwana okhabana nomthetho welizwe okanye owephondo awunantsingiselo. Ukuba kukho ukukhabana phakathi komthethwana nomthetho welizwe okanye owephondo ongasebenziyo ngenxa yokuba kukho ungquzulwano oluchazwe kwicandelo 149 loMgaqosiseko, umthethwana lowo mawaziwe njengosebenzayo ngalo lonke eli xesha lowo ungasebenzi.
4) Urhulumente welizwe norhulumente wephondo makanikezele kumasipala ulawulo lomcimbi odweliswe kwiCandelo A loXwebhu 4 okanye kwiCandelo A loXwebhu 5 loMgaqosiseko oluphathelele kulawulo lukamasipala, ukuba
    a) loo mcimbi unokulawuleka ngokukuko ngumasipala
    b) naxa umasipala enawo amandla okuwulawula.
5) Umasipala unelungelo lokusebenzisa nawaphi na amagunya aphathelele kumbandela othile ekukho imfuneko yawo okanye ekuchaphazelayo ukusebenza ngokukuko.

Icandelo 14(1)(b)

Idilesi yesitalato: Plein Street, Stellenbosch, 7600

Idilesi yeposi: P.O.Box 17, Stellenbosch, 7599

Ifoni: +27 (0) 21 808 8111

Ifekisi: +27 (0) 21 808 8200

I-imeyile: municipality@stellenbosch.org

Iya : Intloko: Iinkonzo zezomthetho

Icandelo 14(1) c

Isikhokelo ebesicetywa ngokwecandelo le-10 loMthetho wokuKhuthaza ukuFikeleleka kweNgcaciso (“umthetho”) awukapapashwa.

Icandelo 14(1)(d)

Ukuhlelwa kwamaxwebhu:

Ukusebenza	Ezabasebenzi	Ezemali
Ii-ajenda nemizuzu yeentlanganiso Izivumelwano namaqela angaphandle Iingcaciso ngee-property neenkcukacha eziphathelele kuzo Iinkcukacha zezinto Iinkonzo zokubhalisa neefayile zonke zolawulo Eziphathelele kwi-IDP	Izivumelwano zokuqeshwa Iifayile zabasebenzi Amaxwebhu omthetho	Iingxelo zemali Uludwe lwezinto anazo Ingxelo yeenkonzo ezifakiweyo kwiziza Iibhajethi Iinkcukacha zengeniso nenkcitho

Ingcaciso eyenye ingafunyanwa ku- www.stellenbosch.org

Uhlobo lwesicelo:

Umenzi-sicelo makasebenzise ifomu emiselweyo yokwenza isicelo sokufumana irekhodi. Esi sicelo masisiwe kwintloko yombutho woluntu. Esi sicelo masithunyelwe kwidilesi, kwinombolo okanye kwi-imeyile yombutho njengoko zinikiwe ngentla apha.

Umenzi-sicelo makanike ingcaciso eyaneleyo kwifomu yokwenza isicelo ukwenzela ukuba intloko yombutho woluntu ikwazi ukuyifumana i-record efunwayo nomenzi-sicelo imazi. Umenzi-sicelo kufuneka ayibonakalise indlela ayifunayo yokufumana olo xwebhu alufunayo kananjalo ayichaze enye indlela eyenye enokusetyenziswa yokwazisa umenzi-sicelo azichaze kananjalo ukwenzela ukuba aziswe.

Umenzi-sicelo makachaze ilungelo afuna ukulisebenzisa okanye afuna ukulikhusela anike ingcaciso yokuba afune uxwebhu alufunayo ukusebenzisa okanye ukukhusela elo lungelo.

Ukuba isicelo senziwe sisenziwa egameni lomnye umntu, umenzi-sicelo makanike ubungqina bokuba esi sicelo usenza ngabuni na. Obo bungqina mabuyanelise intloko yombutho woluntu.

Intlawulo:

Umenzi-sicelo ofuna ukufumana uxwebhu oluneenkcukacha ngaye yena menzi-sicelo akulindelekanga ukuba ahlawule. Omnye umenzi-sicelo ongenzi sicelo ngaye makayibhatale imali emiselweyo.

Intloko yombutho woluntu mayimazise umenzi-sicelo (nongengomenzi-sicelo ngesiqu sakhe) ngesaziso, imazisa ukuba umenzi-sicelo umele ukuba ahlawule intlawulo emiselweyo (ukuba ikhona) phambi kokuba kusetyenzwe ngesicelo sakhe.

Isakuba intloko yombutho ithabathe isigqibo ngesicelo umenzi-sicelo makaziswe ngefomu emiselweyo.

Ukuba isicelo samkelwe makubhatalwe enye imali yokukhangela, eyokufota, eyokulungisa nemali yalo naliphi na ixesha elidlulisileyo kwelo lesiqhelo lokukhangela ulungise uxwebhu olo.

Icandelo 14(1) (e)

Akukho saziso sikhe sapapashwa ngokwecandelo 15(2) loMthetho.

Icandelo 14(1)(f)

Ezi nkonzo zilandelayo umbutho woluntu uyazinika:

- Ezezimali
- Ukhuseleko loluntu
- Ucwangciso nophuhliso lwezoqoqosho
- Iinkonzo zoluntu
- Iinkonzo ezibandakanyiweyo (ezi-corporate)
- Ezobunjineli bezombane
- Ezobunjineli nezitekhnikhali
- Ezolawulo lokusebenza kombutho ngokukuko
- Ingcaciso ngokubanzi

Abantu abanqwenela ukufumana ezi nkonzo banganxibelelana ngqo neNtloko: ezoMthetho engafumaneka ngefoni ku-(021) 808 8200, okanye nge-imeyile ku municipality@stellenbosch.org Kananjalo ingcaciso ingafumaneka kwisikhundla sombutho woluntu ku www.stellenbosch.org

Icandelo 14(1)(g)

Iintlanganiso zebhunga zivulelekile kuluntu ukuba luze kuzo. Kwimiba emininzi bayamenywa abameli boluntu.

Icandelo 14(1)(h)

Inyathelo elithatyathwe ngumbutho woluntu lingaqwalaselwa kwakhona ngokubanzi.